




**Urhulumente
weNtshona Koloni**

ImiCimbi yeNkcubeko
nezemiDlalo



**WESTERN CAPE LANGUAGE COMMITTEE
IKOMITI YEELWIMI YASENTSHONA KOLONI
WES-KAAPSE TAALKOMITEE**

**IsiGama esiLwimi-mbini soRhulumente
weNtshona Koloni IsiNgesi-isiXhosa**

Isebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo: iiNkonzo zeeLwimi /
Department of Cultural Affairs and Sport: Language Services

IMBULA-MBETHE

UNelson Mandela wake wathi ngenye imini *“If you talk to a man in a language he understands, that goes to his head. If you talk to him in his language, that goes to his heart,”* ntetha leyo iguquleleka lula ngokuthi *“Xa uthetha nomntu ngolwimi aluvayo, oko kuya engqondweni yakhe. Xa uthetha nomntu ngolwimi lwakhe, oko kuya entliziyweni yakhe.”*

URhulumente weNtshona Koloni uwuthathela ingqalelo umba wokuba izakhono zolwimi yinto enqabileyo nedinga ukuphuhliswa ukuze lo Rhulumente akwazi ukufezekisa uxanduva lwakhe lokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi; ukuxhasa ukuphathwa ngokulinganayo kwesiBhulu, isiXhosa nesiNgesi; kwanokuphuhlisa iilwimi ezazifudula zisengelwa phantsi.

Ngaphezu koko ke, singulo Rhulumente sizibophelele ekuqhubeleni phambili nombamba wokutshintsha isimo sentlalo yoluntu lwethu nto leyo ifunisa ukuba siqhube nokuququzelela **ukumiswa kwezinto ngokutsha**, ukukhuthaza **uxolelaniso**, ukukhuthaza kwanokubhiyozela **iinkcubeko zethu ezahlukeneyo** ukuze siphakamise izinga **lonikezelo ngeenkonzelo**.

Le ncwadana yesigama sesiXhosa esithathelwa kwisiNgesi (isiNgesi-kwisiXhosa) ifezekisa oku kuchazwe ngasentla ngokugunyazisa amagama esiXhosa amatsha ukuze abe nokusetyenziswa ngoosozilwimi abasebenzela uRhulumente weNtshona Koloni nangamanye amaqela anomdla. Esi sixhobo sidingeka kangaka senza isiseko sokukhuliswa kweelwimi ngokulinganayo kwaye

sinyanzelisa ukuba isiXhosa sibe nokusebenziseka.

Kubalulekile ukuphawula ukuba ulwimi yeyona ndlela isebenzayo yokuba uluntu lukwazi ukusebenzisana. Le ncwadana ke iza kwenza indima ebalulekileyo ukuvala umsantsa phakathi kwabathetha isiNgesi nabathetha isiXhosa, ngaphezu koko iza kukhuthaza ukwamkelana **ngokweenkcubeko ezahlukeneyo.**

Gqr IH Meyer

UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Urhulumente weNtshona Koloni

FOREWORD

"If you talk to a man in a language he understands, that goes to his head. If you talk to him in his language, that goes to his heart." Nelson Mandela

The Western Cape Government recognises that applied language skills are scarce skills that need to be nurtured in service of achieving its mandate: to promote multilingualism; to support equal treatment for Afrikaans, isiXhosa and English; and to further develop indigenous languages which have historically been marginalised.

Furthermore we are committed to actively driving an agenda of social change which entails that we continue to facilitate **redress**, promote the principles of **reconciliation**, promoting and celebrating our **diversity** and to enhance **delivery**.

This pocket-size English-isiXhosa terminology booklet delivers on the above by providing standardised isiXhosa terminology for language practitioners in the Western Cape Government and other interested parties. This much needed tool will lay the platform for greater language equity and foster an appreciation for isiXhosa.

Language is also the most effective way for communities to reach out to each other. This booklet will play an important role in building the bridge

between English and IsiXhosa speakers but more importantly it will promote **cultural warmth**.

Dr IH Meyer

Minister of Cultural Affairs and Sport
Western Cape Government

IMIBULISO ETYUMBAYO

MaXhosa akowethu, ndivumeleni ndenze amazwi ombulelo kwaba balandelayo nabenze lo msebenzi waba yimpumelelo.

Ndenza umbulelo kwiQonga looSozilwimi lePhondo (PLF) ngokuzidina iminyaka ephantse idlule esihlanwini kuveliswa esi sigama. Ndibulela ngokungazenzisiyo kusihlalo weli qonga, uNksz Pamela Ntlokwana.

Ndibulela kwikomiti yophuculo lwesigama sesiXhosa yeNtshona Koloni ngokuwa ivuka iphucula esi sigama; isihlakuhlakula isihla amahlongwane phezulu – iinto zooLungile Fihla, Vuyani Nkunzi, Lwandile Maswana, Nocawe Marala, Nomawethu Tshona.

Ndibulela kwi-ofisi yePanSALB yePhondo leNtshona Koloni, phantsi kweliso likaGqirha-lwazi Nomfundo Mali, ngokubonelela ikomiti yophuculo lwesigama sesiXhosa ngendawo yokusebenzela nangenkxaso ebidingeka ngamaxesha eentlanganiso.

Ndibulela kwiKomiti yeeLwimi yePhondo leNtshona Koloni, phantsi kosihlalo wayo uNjinga-lwazi Rajendra Chetty, ngokubonelela ngenkxaso-mali yokushicilelwa kwale ncwadana nangokubeka iliso kulo msebenzi.

Ndibulela uGqirha-lwazi Monwabisi Ralarala weCPUT nesi-caka sesizwe esidala uGqirha-lwazi Zanemvula Zotwana ngokubamba itewu nokubhexesha inkqubo ngelixa loqinisekiso nogunyaziso lwesi sigama ngoosozilwimi bePhondo.

Ndenza umbulelo ongazenzisiyo kwiingcali nabathandi bolwimi isiXhosa ngegalelo labo ngelixa lokuqinisekiswa nokugunyaziswa kwesi sigama ngoosozilwimi bePhondo.

Ndithi ngxatsho ke zitshaba, mathol' anyonga-nde kukudlelana. Olu lwimi lolwethu. Ukuwa nokuma kwalo kukuthi. Masitsaleni ngaxhadi linye ke siphuhlise ulwimi lwethu. Malingajongiswa umetyiso ezantsi ulwimi lwethu sikhona; le imihla yeyethu, nezinto zayo ke zezethu.

Owenu kulwimi isiXhosa

Xolisa Tshongolo

Usihlalo wophuculo lwesigama sesiXhosa

liNkonzo zeeLwimi: uGuqulo-lwimi

URhulumente wePhondo leNtshona Koloni

A

abolition

ukutshitshisa, ukuphelisa

absolute majority

isininzi esigqibeleleyo

abstention

ukungazibandakanyi kokuthile

abuse

ungcungcuthekiso, impatho-gadalala , uxhatshazo, impatho-mbi

access

ukufikelela, ukufikeleleka, ufikelelo

acknowledgement

ingqalelo, ubungqina, umbulelo

account enquiries

imibuzo ngee-akhawunti, imibuzo ngamatyala

accountable

ukuba phantsi kolawulo, ukuba noxanduva, uxanduva lokuphendula, ukunika ingxelo

accounting (imali)

ucwangciso-mali

accounting officer

igosa elinika ingxelo, igosa elinoxanduva lokuphendula

accredited

-vunyiwe(yo), -gunyazisiwe(yo)

accredited certificate

isiqinisekiso esivunyiweyo, isigunyaziso

Act

uMthetho (wokuthile)

Act of parliament

uMthetho wepalamente

acting chief: provincial traffic

ibambela-ntloko lezeendlela kwiphondo

ad hoc

-exeshana, thutyana, -okuthile

adapted

-lungisiwe(yo), -lungiselelwe(yo), -qhelanisiwe(yo)

additional appropriation

ulwabiwo-mali olongezelelweyo

adjustment estimates

uhlenga-hlengiso lojikelelo-mali, ulungelelwaniso lojikelelo-mali

address

idilesi, iadresi, -qwalasela, -azisa, -biza

administration

ulawulo, iofisi yolawulo, icandelo lolawulo, umsebenzi weofisi

administration clerk: expenditure

umabhalana wolawulo lwenkcitho-mali

administration clerk: personnel

umabhalana wolawulo lwezabasebenzi

administration clerk: purchases

umabhalana wolawulo lweentengo

administration officer: personnel

igosa lolawulo lwezabasebenzi

administration officer: support

igosa lolawulo lweenkonzo zenkxaso

administrative office

iofisi yezolawulo

administrative secretary

unobhala wezolawulo

administrative services

iinkonzo zolawulo

administrator

umlawuli

admission

ulwamkelo, ulaliso (ngokwasesibhedlele)

admission fee

amangeno

admissions

iinkcukacha zabalaliswayo, iinkcukacha zabangeniswayo, uluhlu lwabangeniswayo, abavunyiweyo, abamkelweyo

adoption

ulwamkelo, ukukhulisa, ukukhulisa umntwana ongengowakho, ukukhulisa umntwana njengowakho, ubuzali obunikwa ngumthetho

adult education

imfundo yabadala

advisory committee

ikomiti yeengcebiso

audit charter

umqulu wophicotho-zincwadi, itshatha yophicotho-zincwadi

affirmation

ukubuyekeza, ukuqinisekisa

affirmative action

ubonelelo lwababekade behlelelekile, inkqubo yokukhawulelana nabo babengenamalungelo ngaphambili

African Renaissance

ukuvuselelwa kweAfrika, uvuselelo lobuAfrika

Afrocentric

into emvelaphi yayo iseAfrika, into esekelwe kubuAfrika

agent

iarhente, -mgunyaziswa

agricultural black economic empowerment (AgriBEE) charter

umqulu wokuxhotyiswa kwabamnyama kuqoqosho lwezolimo, isibhambathiso sokuxhobisa abamnyama kuqoqosho lwezolimo

agricultural engineering

ubunjinieli kwezolimo

agriculture

ezolimo

agriculture, planning and tourism

ulimo, ucwangciso nokhenketho

AIDS action: until it's over

amanyathelo ajolise ekupheliseni ugawulayo

air conditioner

isipholisi-moya, isifudumezi-moya, isihuhuzi-moya, isivangi-moya

alien vegetation

utyani lwamazwe angaphandle

alleged offender

umtyholwa, obekwa izityholo

allocation of points

ukunikwa kwamanqaku, ulwabiwo lwamanqaku

allocation of posts

unikezelo lwezithuba, ulwabiwo lwezithuba

allowance

isithabathaba

ambassador

unozakuzaku

amendment

isilungiso, isihlomelo

Amendment Act

uMthetho owenza iZilungiso, uMthetho-sihlomelo

Amendment Bill

uMthetho owenza iziLungiso osaYilwayo, uMthetho-sihlomelo osaYilwayo

amenities

amaziko oncedo, izilungiselelo

anaesthetist

ugqirha wolaliso-zivo

anguish

usizi

annexure

isihlomelo

annual report
ingxelo yonyaka

anxiety
udandatheko, inkxalabo

appeal
isibheno

appellate division
icandelo lezibheno

applicable farming experience
amava asebenzisekayo kwezolimo

appointment secretary
unobhala wamadinga

Appropriation Bill
uMthetho woLungelelwaniso loLwabiwo-mali
oSayilwayo

appropriation vote
ivoti yolungelelwaniso lolwabiwo-mali

arbitration
ulamlo

arbitrator
umlamli

architect
umyili-zakhiwo

archive
uvimba wogcino-mpepha ezibalulekileyo, ulondolozo
lweenkcukacha ezibalulekileyo

area mechanical engineer
injinieli yoomatshini yecandelo

assassination

ugwinto lwezopolitiko, ugetyengo lwezopolitiko, ugwinto loosaziwayo

assets

impahla yexabiso, izinto zexabiso, iiasethi

assessment

ukunika ixabiso, uhlolo, ukuvavanya, ukuvandlakanya

assistant director

umncedisi-mlawuli

assistant director: nursing

umncedisi-mlawuli kwezokonga

associated psychiatric hospitals

izibhedlele zezifo zengqondo ezimanyanisiweyo

asteroid

uwalakahla lwamatye ajikeleza ilanga

asteroid belt

uwalakahla lwamatye asemajukujukwini

asthma room

igumbi lombefu, igumbi labagula ngesifuba

atmosphere

umoya ogubungele umhlaba, isimo, imeko, iatmosfera

atmospheric pressure

uxinzelelo lomoya ongqonge umhla

attorney-general

umtshutshisi-jikelele, igqwetha lenkundla jikelele

audiometry

iodiyometri

attention

mayinikwe, ingqalelo

average

umyinge, umndilili, phakathi nje

audit

phicotha, phengulula

auditor

umphicothi-zincwadi, umphengululi-zincwadi

auditor-general

umphicothi zincwadi-jikelele

audit opinion

ingxelo yomphicothi-zincwadi, uluvo lomphicothi-zincwadi

audit queries

imibuzo yomphicothi-zincwadi

audit report

ingxelo yomphicothi-zincwadi

auditorium

iholo elungiselelwe ukuthetha kubantu abaninzi, iodithoriam

autoclave room

igumbi lomphunga wokucoqa

autoclaves

iionti zezixhobo zotyando

auxiliary services

iinkonzo zoncedisayo

award

imbasa, ibhaso, iwonga, ugwetyelo

B

basin precinct plan

isicwangciso sesidibi esibiyelweyo

balcony projection

ibhalkhoni ephokosheleyo, ibhalkhoni eveleleyo esakhiweni, ibhalkhoni ephongomileyo

beneficiaries

abaselungelweni, abaxhamli

bid adjudication committee

ikomiti yabagwebi bobizo-maxabiso, ikomiti ethabatha izigqibo kubizo-maxabiso

billboard sign

ibhodi yeentengiso

Bill of Rights

uMqulu waMalungelo oLuntu

Bill introduction

Ukwaziswa koMthetho oSaYilwayo, ukungeniswa koMthetho oSaYilwayo

bona fide

-oqobo, -nyanisekileyo, -enene

bosberaad

intlanganiso yocwangciso-qhinga ehlahwa ngaphandle

Board of Trustees

iBhodi yaBathenjwa, iBhodi yooTrasti

board room

igumbi leentlanganiso

boiler room

igumbi lobiliso, igumbi lebhoyilari

Boland Region

uMmandla weBholani

bottleneck

ubambezelo, ingxinano

boundary pegs

iziphawuli-mhlaba, oonocanda, amatye emida

bowel movement

ukunya, ukutuwa, ukuzithuma, ukukaka

branch: transport and works

isetyana lezothutho nemisebenzi

braille

isixhobo sokubhala sabangaboniyo, ibreyile

braille trail

ubhalo lwabangaboniyo

brief

umyalelo

briefing

inkcazelo, ingcaciso, ingxelo

bridging the gap

ukuvala isikhewu, ukuvala umsantsa

brochure

incwadana yesibhengezo-saziso,

budgeting

uhlahlo-mali, uhlahlo lwabiwo-mali

budget allocation

ulwabiwo-mali, isabelo-mali

budget speech

intetho yohlahlo lwabiwo-mali, intetho yohlahlo-mali

budget vote

ivoti yohlahlo lwabiwo-mali, ivoti yohlahlo-mali

building and engineering services

iinkonzo zolwakhiwo nezobunjini

building roads

ukwenziwa kweendlela

building a social capital

ulwakhiwo lobudlelane boluntu, uzinziso lwezentlalo

bulimia

umkhwa wokuzikhuphisa emva kokutya, ibhulimiya

bulk store

isitora esikhulu, ivenkile ethengisa ngezambuku, isisele esikhulu

budget administration

ulawulo lohlahlo lwabiwo-mali, ulawulo lohlahlo-mali

building line restrictions

unyino kwimida yolwakhiwo

business promotion

ukukhuthazwa koshishino, uphuhliso lwezoshishino

buy-in

inkxaso

by-law

umthetho kamasipala

C

cadastral

umhlaba kamasipala obhaliswe ngokusemthethweni

call centre

iziko lokufowunela uncedo

call centre optimisation

ukomelezwa kokusetyenziswa kweziko lokufowunela uncedo

campaign

iphulo, ukugaya inkxaso

cancellation of rebate

ukurhoxiswa kwesaphulelo serhafu

canopy

uphahla

capacity

amandla okwenza umsebenzi, ulwazi lokwenza, isakhono sokwenza, ukulungela, umthamo

capacity building

ukuxhobisa ngezakhono nolwazi

Cape Administrative Academy

iAkhademi yoLawulo lweKapa

Cape Craft Design Institute

iZiko lezoBugcisa beZandla laseKapa

Cape Floral Kingdom

iNdawo yoLondolozo lweeNtyatyambo yaseKapa

Cape Garrison Artillery

iNqaba yeziXhobo zoMkhosi yaseKapa

Cape Medical Museum

iZiko loLondolozo lweMbalu yezoNyango laseKapa

Cape metropolitan area

ummandla wolawulo lomasipala ombaxa weKapa

Cape metropolitan council

ibhunga lolawulo lomasipala ombaxa weKapa

Cape metropolitan transport fund

ingxowa-mali yezothutho yomasipala ombaxa weKapa

Cape nature conservation

ulondolozo lwendalo lwaseKapa

Cape tourism

ukhenketho lwaseKapa

Cape Town environmental education trust

iqumrhu lemfundiso ngokusingqongileyo laseKapa

Cape Town City Council

iBhunga leSixeko saseKapa

Cape Town green map website

iwebhusayithi ebonisa iindawo ezinohlaza eKapa

capital

inkunzi, isiseko, ikomkhulu

capital assets

impahla yexabiso engundoqo, impahla yexabiso esisiseko

capital expenditure

inkcitho kwiintengo ezinkulu, inccitho kwimpahla yexabiso

case

umzekelo, inkalo, ityala, imeko, isehlo

casualties

iingxwelerha

ceasefire

ukubekwa phantsi kwezikrweqe

celestial

okungesibhakabhaka

chalets

izindlwana zokuchithela ikhefu

chipping

ukuxoza, ukucebula

circular

isigidimi, isetyhula

civil engineering

ubunjinieli bezakhiwo

clearance

ukhululelo, uhlanjo, utshitshiso, umphakamo wesango

cloakroom

igumbi lokutshintshela

coat of arms

uphawu lwesizwe

cocktail

iindidi zokutya neziselo

comet

uzatshoba, intshobololo

commandos

amabutho

compliment

umbuliso, isincomo

condonation

uxolelo, ukwamkeleka

constituent

ilungu lommandla wovoto

constitutional court

inkundla yomgaqo-siseko

constitutional development service

inkonzo yoqulunqo lomgaqo-siseko

constitutionally guaranteed

-qinisekiswe ngokomgaqo-siseko

constitutional plan

isicwangciso somgaqo-siseko

constitutional practice

inkqubo yomgaqo-siseko

constitutional proposal

isindululo somgaqo-siseko

constitutional reforms

uhlaziyo lomgaqo-siseko, uphuculo lomgaqo-siseko, umiso ngokutsha lomgaqo-siseko

constitutional transition

inguqu kumgaqo-siseko, izigaba zoguqulo lomgaqo-siseko

construction management

ulawulo lwezolwakhiwo

consultant services

iinkonzo zeengcebiso, iinkonzo zobungcali

consultative committee

ikomiti yeengcebiso, iikomiti yezobungcali, ikomiti yezothethwano

consulting room

igumbi lokuxilongela, igumbi leengcebiso

consumer affairs

imicimbi yabathengi, imicimbi yabasebenzisi beenkonzo

consumptive tariffs

amaxabiso aqingqiweyo eenkonzo

containerisation

ukunkonkxa, ukufaka kwiikhonteyina

contemporary architecture

uyilo ngokwala maxesha, useko ngokwala maxesha

contingency fund

ingxowa-mali yelixa likaxakeka

contingency funding project

iprojekthi yenkxaso-mali yelixa likaxakeka

contingency plan

isicwangciso selixa likaxakeka

constitutional competency

igunya lomgaqo-siseko, amandla omgaqo-siseko

consumer watch

iliso labathengi, iqumrhu lezabathengi

contractor

umakhi, ikontraki

contracted services

iinkonzo ezinikelwe kubaniki-nkonzo bangaphandle

control document

uxwebhu loqinisekiso nolawulo lokwenziwa komsebenzi

control provincial inspector

ingqonyela-mhloli yephondo

corporate body

iqumrhu lolawulo

co-ordinating council

ibhunga eliququzelelayo, ibhunga elinxibelelanisayo

corporate planning

ucwangciso olumanyanisiweyo

corporate services

iinkonzo ezimanyanisiweyo, iinkonzo zolawulo

corporate affairs

imicimbi emanyanisiweyo

corporate deputy information officer

isekela-gosa leenkukacha zeenkono ezimanyanisiweyo

corporate fleet management

ulawulo lwezithuthi olumanyanisiweyo

corporate fleet asset management

ulawulo lwezithuthi zomsebenzi olumanyanisiweyo

corporate planning and support

inkxaso nocwangciso olumanyanisiweyo

corporate services portfolio committee

ikomiti ejongene neenkonzozo ezimanyanisiweyo

corporate support services

iinkonzozo zenkxaso ezimanyanisiweyo

corrective action

ingcebiso yezilungiso, inyathelo lolungiso

cost-effective

iindleko eziphantsi, iindleko ezifanelekileyo, iindleko ezifikelelekayo

credit control and debt collection policy

umgaqo-nkqubo wolawulo noqokelelo lwamatyala

cultivated assets

impahla yexabiso esunguliweyo

D

death toll

inani labantu abafileyo

debt-battered

ukuntyumpantyumpeka ematyaleni

declaration of intent

isibhengezo sokwazisa iinjongo, ukwazisa iinjongo

declaration of interest

inkcazo yochaphazeleko, udizo lochaphazeleko

defence review process

inqubo yokuphonononga ezokhuselo

deputy director

usekela-mlawuli

deputy director: budgeting

usekela-mlawuli wohlahlo lwabiwo-mali, usekela-mlawuli wohlahlo-mali

deputy director: financial control

usekela-mlawuli wezemali

deputy director: financial services

usekela-mlawuli weenkonziso zemali

deputy director-general

usekela mlawuli-jikelele

deputy director: risk management

usekela-mlawuli womngcipheko

deputy speaker

usekela-somlomo

despair

inkxwaleko

dessert

izilebeli-sidlo, idizethi

development council

ibhunga lophuhliso

director: human resource management and administration

umlawuli wezabasebenzi

director-general

umlawuli-jikelele

director: accounting

umlawuli wezocwangciso-mali

director: administration

umlawuli wemisebenzi yolawulo, umlawuli wemisebenzi yeofisi

director in the office of the director-general

umlawuli kwiofisi yomlawuli-jikelele

director: metropole region

umlawuli wommandla kamasipala ombaxa

director: planning and financial control

umlawuli wocwangciso nolawulo-mali

director of social security

umlawuli wokhuseleko loluntu

director of sport and recreation

umlawuli wezemidlalo nolonwabo

directorate: administration and legislation

icandelo lolawulo lweofisi nowiso-mthetho

directorate: behavioural advisory services

icandelo lolawulo lweenkonzo zeengcebiso ngokuziphatha

directorate: culture and heritage

icandelo lolawulo lwezenkcubeko nelifa lemveli

directorate: cultural affairs

icandelo lolawulo lwemicimbi yenkcubeko

directorate: engineering

icandelo lolawulo lwezobunjinieli

directorate: efficiency management

icandelo lolawulo lwentsulungeko

directorate: financial administration

icandelo lolawulo lwezemali

directorate: financial management and administration

icandelo lolawulo-mali

directorate: human resources management

icandelo lolawulo lwezabasebenzi

directorate: human resource development

icandelo lolawulo lophuhliso lwezabasebenzi

directorate: intergovernmental relations

icandelo lolawulo lwentsebenziswa noorhulumente

directorate: land affairs

icandelo lolawulo lwemicimbi yemihlaba

directorate: local government

icandelo lolawulo loorhulumente bemimandla,
icandelo lolawulo loorhulumente bamakhaya,
icandelo lolawulo loomasipala

directorate: organisation and workstudy

icandelo lolawulo locwangciso novandlakanyo-
msebenzi

directorate: personnel management

ulawulo lwezabasebenzi

directorate: planning services

ulawulo lweenkonzo zocwangciso

directorate: public works programme

ulawulo lwenkqubo yemisebenzi karhulumente,
ulawulo lwenkqubo yemisebenzi yoluntu

directorate: rural development

ulawulo lophuhliso lwamaphandle

directorate: sport and recreation

icandelo lolawulo lwezemidlalo nolonwabo

directorate: support administration

icandelo lolawulo lweenkonzo zenkxaso

directorate: training

ulawulo lwezoqeqesho

directorate: urban planning

ulawulo locwangciso lweedolophu

disabled groups

imibutho yezilima, imibutho yabakhubazekileyo
(elesiNguni), imibutho yabanobulima

disaster management: tactical planning

ulawulo lwentlekele: ucwangciso-buchule

discretionary funds

imali esetyenziswa ngokwemfuno

dispatch of sterile stock

ukuhanjiswa kwesitokhwe esingenantsholongwane

district director

umlawuli wesithili

district roads engineer

injinieli yeendlela yesithili

diversity

ntlantlo-ninzi, ubuyantlukwano, -ndidi, ntlobo-ntlobo

doctors' lounge

igumbi lokuphumla loogqirha

documentation

ugcino lwamaxwebhu, ugcino lweempepha

doctors' tearoom

igumbi lokuphungela loogqirha

downscaling

ukudenda, ukucutha, ukuphungula

downsizing

ukuphungula, uphungulo, ucutho

draconian measures

amanyathelo enkohlakalo, amanyathelo angqwabalala

dressing room

igumbi lokubophisa, igumbi lokunxibela

drip room

igumbi ledriphu

drought relief measures

amanyathelo oncedo lwembalela, amanyathelo oncedo lwamaxhoba embalela

drug trafficking

uthubeleziso lweziyobisi

duodenum

umzi (ithunjana eliphantsi kwesisu)

E

economic affairs

imicimbi yezoqoqosho

economic development and tourism

uphuhliso lwezoqoqosho nokhenketho

economic development partnership

ubuhlakani bophuhliso lwezoqoqosho

education administration

ulawulo lwemfundo

educational programmes

amaphulo ezemfundo, iinkqubo zokufundisa

education and cultural affairs

imfundo nemicimbi yenkcubeko

education development and support services

uphuhliso lwezemfundo neenkonzozo zenkxaso

education provision

ubonelelo ngezemfundo

economic affairs

imicimbi yezoqoqosho

efficiency management

ulawulo lwemfezeko

electrical engineering

ubunjinieli bombane

electricity kiosk

izikwana lobuxhakaxhaka bombane, indawo ethengisa umbane

elementary occupation

izikhundla zengqesho eziphantsi

emergency disaster management

ulawulo lweentlekele ezingxamisekileyo

emergency exit

isango lokuphuma ngamaxa kaxakeka, isango lamaxa kaxakeka

emergency number

inombolo yamaxa kaxakeka

emergency room

igumbi lonyango olungxamisekileyo

end users

abasebenzisi, abaxhamli

engineering services

iinkonzo zobunjinieli

ENT (ear, nose, throat infections)

izifo zendlebe, iimpumlo nomqala

enter at own risk

ingozi onokuyifumana ngokungena apha luxanduva lwakho

entered at owners' risk

ingozi enokwenzeka ngokungenisa apha luxanduva lwakho

entrepreneurship

ezorhwebo, urhwebo

environment (nature)

indalo nokuyingqongileyo

environmental affairs and culture

imicimbi yendalo nenkcubeko

environment impact studies

uphando ngefuthe kwindalo nokuyingqongileyo

equal opportunity programme

inkqubo yokunika amathuba ngokulinganayo

executive summary

isishwankathelo sabalawuli, isishwankathelo esinabileyo

ex officio

ilungu ngenxa yesikhundla

exosphere

indawo ephezulu yomoya

expenditure condonation

ukuvunywa kwenkcitho-mali engekho mgaqweni ziziphatha-mandla

F

facilities

izibonelelo, amaziko, izixhobo

facilities sub-committee

ikomitana yezibonelelo, ikomitana yamaziko, ikomitana yezixhobo

fact finding mission

iphulo lokufumana iinkcukacha

fascism

ulawulo ngegqudu

fiction

uncwadi oluyiliweyo, ibali eliyiliweyo

non-fiction

iincwadi zesikhokelo

finance

ezemali

finance and corporate services

icandelo lezemali neenkonziso ezimanyanisiweyo

finance and environmental affairs

icandelo lezemali nemicimbi yendalo nokuyingqongileyo

financial administration

ulawulo lwezemali

financial assets

imali

financial interest

umdlalo ngokwasezimalini, inzala ngokwasezimalini

financial year

unyaka-mali

financial oversight

ulawulo lwemali olongameleyo

fire exit

isango lokuphuma xa kusitsha

fire extinguisher

isicima-mlilo

fire-hose

ithumbu lokucima umlilo, umbhobho wokucima umlilo

first executive deputy president

usekela-mongameli wokuqala

first world countries

amazwe atyebileyo

fiscal

ingxowa-mali karhulumente, uvimba karhulumente, umthombo karhulumente

fiscal services

iinkonzo zokusetyenziswa kwemali karhulumente

fiscal objectives

iinjongo zokusetyenziswa kwemali karhulumente

fiscal policy

umgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kwemali karhulumente

fiscus

iimali zikarhulumente

flood

impuphuma, uphuphumo

food-aid programme
inkqubo yoncedo ngokutya

food chain
uxhomekeko lwendalo kwenye ngokutya

food security
ubukho bokutya

for attention
mayiqwalaselwe, iya kulo ulandelayo, qaphela

force of gravity
umbizane womhlaba

foreign exchange
utshintsho lwemali yamanye amazwe, unaniselwano namazwe angaphandle ngemali

forward planning
ucwangciso lwekamva, ucwangciso lwengomso

fossil fuels
into eyayiphila yajika yaba sisibaso, izibaso ezisusela kwinto eyayiphila

foster care
ukhuliso lomntwana ongengowakho ngokusemthethweni

framework
isicwangciso-nkqubo, isikhokelo, inkqubo-sikhokelo

free market system
inkqubo yorhwebo oluvulelekileyo

free enterprise system
inkqubo yoshishino oluvulelekileyo

fruitless expenditure
inkcitho engenanzuzo

functional financial training
uqeqesho kusetyenziso-mali

funding sub-committee
ikomitana yezoncedo-mali

fundraising
unyuso lwengxowa-mali

G

galaxy (IT)

isiphaluka sentungelwano

gang-rape

udlwengulo ngokupakelwa, udlwengulo sisininzi ngaxeshanye

gangs

amaqela emigewu, izihange, oonqevu, imigulukudu

gangsterism

ubugewu

gangsterism activities

izenzo zobugewu

gas store

uvimba womoya, istora somoya, ivenkile yerhasi

government of national unity

urhulumente womanyano lwesizwe, urhulumente wobumbano lwesizwe

gender equality

ulingano ngokwesini

gentleness

ubulali

general administrative services

iinkonzo zolawulo ngokuphangaleleyo, iinkonzo lawulo jikelele

general enquiries

imibuzo ngokubanzi, imibuzo ngokuphangaleleyo, imibuzo gabalala

general surgeon

ugqirha wotyando

general ward

iwadi kawonke-wonke

ghost workers

izikhundla zengqesho ezihlawulelwa zingenabantu

global warming

ubushushu besibhakabhaka, ukunyuka kobushushu behlabathi

government immovable asset management

ulawulo lwempahla yexabiso karhulumente engasuswayo

grassroots

ingqalo, intsukaphi

green paper

iphepha logayo-zimvo ngomthetho

gross income

umvuzo ongatsalwanga, umvuzo ongaxhuzulwanga

growth rate

isantya sokukhula, isantya sohlumo

growth in beneficiaries

ukukhula kwenani labancedwayo, ukwanda kwenani labaxhamlayo

gruesome memories

iinkumbulo ezimasikizi

gynaecologist

ugqirha wezamabhinqa, ugqirha wezenzalo wamabhinqa

H

hands-on training

uqeqesho ngokusebenza

harassment

ungcungcuthekiso

harmonious home

ikhaya elinoxolo

hearing

umanyelo-zimvo, uviwo-zimvo

help desk

icandelo loncedo, abezoncedo, abazenkxaso

help desk support

icandelo loncedo nenkxaso, inkxaso yecandelo loncedo

heritage

ilifa lemveli, ilifa lendalo

heritage resources management

ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli, ulawulo lwezinto ezililifa lemveli

high care

inkathalelo ekwizinga eliphezulu

high care unit

icandelo lezigulo ezimandundu

householder

umnini-mzi

households

ezangaphakathi

house of assembly

igumbi lentlanganiso, indlu yowiso-mthetho

human capital development

uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

human rights culture

inkqubo yamalungelo oluntu

icon

isisele senyathi

ill-considered plan

isicwangciso esingacingisiswanga

implement

zalisekisa, phumeza, fezekisa, sebenzisa, milisela

inaugural

ukuvula ngokusesikweni, ukwazisa ngokusesikweni, ukumisela ngokusesikweni

in-camera

ekhusini, bucala

inflation

ukunyuka nokuhla kwamaxabiso

induction

ungeniso, uqhelaniso, ukufakwa ekhaya

industry

imizi-mveliso, ezoshishino

industrial court

inkundla yeembambano zezabasebenzi

industrial mass action

uqhankqalazo lwabasebenzi

industrial relations section

icandelo lobudlelane bezoshishino

infrastructure

izibonelelo, izixhobo, amaziko

infrastructure investment

utyalo-mali kwizibonelelo, utyalo-mali kwizixhobo

in-house training

uqeqesho lwangaphakathi

in-patients

abanyangwa ngaphakathi

in-patients waiting area

indawo yokulindela yabanyangwa ngaphakathi

information technology

ulwazi ngobugcisa, ezobunzulu-lwazi
ngobuchwepeshe, ezeteknoloji

in-service training

uqeqesho ngokusebenza

intelligence service

inkonzo yobuntlola

intensive care unit

icandelo labagula kakhulu, icandelo leziguli ezidinga
uhoyo olumandla

intergrate

ukuhlanganisa, ukudibanisa, ukumanyanisa

internal audit

uphicotho-zincwadi lwangaphakathi

internist

ingcali efikayo, ingcali ethunyelweyo

irregular expenditure

nkcitho engafanelekanga, inkcitho engekho
mgaqweni

J

jazz

intambula, umngqungqo, ijezi

juristic entities

amaqumrhu asemthethweni

K

key measurable objective

injongo engundoqo elinganisekayo

key performance area

inkalo engundoqo yokwenziwa komsebenzi

key performance indicator

isibonisi sokungundoqo okwenziweyo, isibonisi somsebenzi ongundoqo owenziweyo

L

laboratory information management system

inkqubo yolawulo lweenkcukacha zaselebhu

labour broker

iqumrhu lezemisebenzi, i-arhente yezemisebenzi

labour intensive industry

imveliso enika imisebenzi, umzi-mveliso oqesha uninzi

laissez faire

urhwebo olukhululekileyo

land acquisition grant

isibonelelo-mali sothengo-mhlaba

land audit

uphicotho lomhlaba

land fill site

itiphu

land reform

umiso lwemihlaba ngokutsha, hlaziyo lwenkqubo yolwabiwo-mhlaba

land scape

imbonakalo-mhlaba

land surveyor

unocanda

land surveying

ucando lomhlaba

language audit

uvavanyo-zimvo ngosetyenziso-lwimi, uphicotho losetyenziso-lwimi

language demographics

iinkcukacha-manani zolwimi kwingingqi

law

umthetho (gabalala)

left wing

untamo-lukhuni

legacy

ilifa, imbali, umzila

legal services

iinkonzo zomthetho

legend

ikhwahla, iqhawe, imbalasane

legislative drafting

uqulunqo lwemithetho

literal art

uncwadi lobugcisa

local authority administration and regulation

ulawulo lwamagunya nemigaqo ekuhlaleni

local authority

ugunyaziwe wokuhlala, usomagunya wengingqi

local authority support services

iinkonzo zenkxaso kumagunya asekuhlaleni

local economic development

uphuhliso lwezoqoqosho ekuhlaleni

local government

ulawulo ekuhlaleni, urhulumente wamakhaya,
urhulumente wommandla, umasipala

lunar eclipse

ukufiphala kwenyanga

M

main appropriation

ulwabelo-mali olungundoqo

main budget

uhlahlo-lwabiwo-mali olungundoqo, uhlahlo-mali olungundoqo

maladministration

ulawulo olugwenxa

malpractice

izenzo ezigwenxa

management support

inkxaso yolawulo, inkxaso yeziphatha-mandla

mandate

umyalelo ngokwasemthethweni, ugunyaziso

mass action

uqhankqalazo lwesininzi, intatho-nxaxheba sisininzi

mass voter education

infundiso yoluntu ngovoto

mechanical engineering

ubunjinieli bezokukhanda

media release

ingxelo kumajelo eendaba

medium-term expenditure framework (MTEF)

isikhokelo senkcitho-mali yesiqingatha sonyaka

menopause

ukuphelelwa yinzala kwababhinqileyo

metropole

isithili sesixeko, umasipala ombaxa

metropolitan development forum

iforam yophuhliso lwesixeko

metropolitan coordinating forum

iforam yoququzelelo yesixeko

micro financing

imali-mboleko encinci, uncedo ngeemali ezincinci, umatshonisa

migrant labour museum

iziko lolondolozo lwembali yabasebenzi abafudukayo

ministry

iofisi yomphathiswa

misconduct

ukuziphatha okungamkelekanga

mission

umnqophiso, udaba, idinga

museum

iziko lolondolozo lwembali

museum specialist service

inkonzo ekhethekileyo yolondolozo lwembali

museum technical service

inkonzo yobuchwepheshe bolondolozo lwembali

N

national qualifications framework

isikhokelo seziqinisekiso zemfundo sesizwe

national coat of arms

uphawu lorhulumente wesizwe

national revenue count

iakhawunti yengeniso-mali yesizwe

national symbols

iimpawu zesizwe, isimboli zesizwe

neighbourhood development grant

isibonelelo-mali sophuhliso lwamazwe angabamelwane

neighbourhood watch

usolomzi wengingqi

net asset

impahla yexabiso eseleyo, iasethi eseleyo

net book value

ixabiso elishiyekileyo ngokwencwadi, ixabiso elishiyekileyo ngokwesikhokelo soxabiso

nett density criteria

indlela yokumisela ubungakanani bengxinano

newsflash

iindaba ezikhawulezileyo

not transferable

akunakudluliselwa komnye umntu

national orders

iimbasa zesizwe

natural heritage

indalo elilifa

nature reserve draft management plan

isicwangciso solawulo lolondolozo lwendalo
esiqulunqwayo

nature reserve

ulondolozo lwendalo

O**occupational therapy**

ulungelelaniso emsebenzini, unyango emsebenzini

occupational band

inqanaba lomsebenzi, isikhundla emsebenzini

order paper

iphepha loluhlu, iphepha leodolo, iphepha lokuoda

office bearers

abantu abasezikhundleni

off-line editor

umhleli wokuqala

on-line editor

umhleli wokugqibela

out-patients

izigulane ezinyangwa zingaphandle

overnight ward

iwadi yabalaliswa ubusuku obunye

P

parastatals

amacandelo azimeleyo karhulumente, iinkampani ezizimeleyo zikarhulumente

performance indicator

isibonisi sokwenziwayo, umsebenzi obonisa okwenziweyo

personnel development

uphuculo lwezakhono zabasebenzi

plaster of paris

isamente yokubopha abophukileyo

preferential procurement

inkqubo yeentengo, inkqubo yokufumana abaniki-zinkonzo

principal personnel officer

igosa labasebenzi eliyintloko, igosa labasebenzi eliphezulu

proclamation

umpoposho (kwezomthetho), isibhengezo (gabalala)

protocol

ulandelo-mgaqo, ulandelelaniso, iprothokholi

protocol observed

ngqanga neentsiba zayo, ingqalelo landelo-mgaqo

provisioning administration

ulawulo lwezibonelelo

public entity

iqumrhu likarhulumente, iqumrhu loluntu, iqumrhu elimele uluntu

public works

imisebenzi karhulumente, imisebenzi yoluntu

Q

R

reception

indawo yokufikela, indawo yolwamkelo

receivables

ezifumanekayo, ezilindelekileyo

reference

isalathiso, isingqiniso

renewable energy

iziniki-mandla ezivuselelekayo

resources

izibonelelo, imithombo, amajelo, izixhobo, ubuqili

resuscitation

uphiliso ngokutsha, uvuselelo, ubuyiselo

revenue account

iakhawunti yengeniso-mali

right of admission reserved

akungeni nje nabani, kungenwa ngemvume, kungena ofanelekileyo

risk management

ulawulo lomngcipheko, ulawulo lobungozi

road show

utyelelo-luntu, iphulo lokuya eluntwini

road infrastructure

ubonelelo lwezeendlela, izixhobo zezeendlela

Road Transportation Board

iBhodi yoLawulo lwezoThutho eziNdleleni

rule

umgaqo, ummiselo, ulawulo

S

San National Language Board

iBhodi yeLwimi zesiQhakancu yeSizwe

safety and security

ukhuseleko nogcino-cwangco, ukhuselo
nokhuseleko

SCOPA

ukhala ojongene nendlela asebenza ngayo
urhulumente

service provider

umnikezeli ngeenkono, umniki-ziinkono

salary level

inqanaba lomvuzo

salary notch

umvuzo wonyaka uwonke

saving

imali engasetyenziswa, imali egciniweyo,
ulondolozo

seconded official

igosa lemboleko, igosa eliweliselwe kwelinye icandelo

serial number

inombolo yemveliso, inombolo yesiriyali

service benefit package

imfanelo esisixa-mali yomsebenzi, isixa-mali esiyimbuyekezo yomsebenzi

sewerage

ugutyulo

sexual harrassment

ukuncwasa ngokwesondo, ungcungcuthekiso ngokwesondo

shift commander

iKhomanda yamaxesha okusebenza, umlawuli wamaxesha okusebenza

shift manager

umlawuli wamaxesha okusebenza

shift officer

igosa lamaxesha okusebenza

shared audit committee

ikomiti yophicotho-ncwadi eyindibanisela

sluice room

igumbi lokucocela, igumbi levasi, isilusi

social capital

ezoluntu, ubudlelane noluntu

social capital development

uphuhliso loluntu

social cluster

indibaniselwano yoluntu, indibano yoluntu

social science

ezobunzulu-lwazi ngezintlalo yoluntu

social security

ukhuseleko loluntu

social security grant

isibonelelo-mali soluntu

socio economic status

izinga lezoqoqosho loluntu

soiled linen

ilineni emdaka, izinto zokwandlala ezimdaka

solar eclipse

ukufiphala kwelanga

solar system

ilanga nezijikelezi zalo, inkqubo yamandla elanga, inkqubo yombane welanga

South African Qualifications Authority

iGqiza leziQinisekiso zeMfundo loMzantsi Afrika, iGunya-bantu leziQinisekiso zeMfundo loMzantsi Afrika

Southern Cape

umzantsi-kapa

special investigation cabinet assignment (SICA)

uphando olulodwa lwekhabhinethi

special programme officer

igosa lenkqubo ekhethekileyo, igosa lenkqubo yexeshana

speed humps

iingqolo zonyanzeliso thobo-santya

sports clubs

amaqela emidlalo

staff establishment

abasebenzi ngokwezikhundla, inani labasebenzi elimiselweyo

staff performance management system

inkqubo yolawulo lwendlela yokusebenza kwabasebenzi

stakeholders

amahlakani entsebenziswano, amaqabane entsebenziswano, abaxhasi

standard contract

isivumelwano sengqesho esiqhelekileyo, ikhontrakthi eqhelekileyo

standing committee

ikomiti emiyo, ikomiti elawulayo

starters

izandlalela-sidlo

state of the nation address

intetho kamongameli yesizwe, intetho kamongameli yokuvula ipalamente

statistics

iinkcazo-manani, iinkcukacha-manani

station commander

umphathi-sikhululo, umastishi

strategy

inkqubo-qhinga, icebo, iqhinga, indlela, ubuqili, ubuchule

strategic operations management support

inxaso yolawulo lwezobuchule bokusebenza

strategic planning

isicwangciso-qhinga

strategic support services

iinkonzo zenkxaso yobuchule bokusebenza

street field workers

abasebenzi abenza uphando esitalatweni

structural engineering

injinieli yezolwakhiwo

structure

iqumrhu, isakhiwo, ubume

sub-council

ibhungana

sub-directorate

ulawulo olungaphantsi kolunye

summit

ingqungquthela, imbizo

superintendent

intsumpa

supervisor

umphathi, umcebisi

supply chain management

lawulo lweentengo

T

tabling

ukwandlala intetha, ukwandlala ingxelo, ukunika

tape measure

ulutya lokulinganisa

technic

iqhinga, ubuchule, ubugcisa

technical

-obuchwepheshe

technician

ingcali, usochwepheshe, igcisa

technology

ubuchwepheshe, iteknoloji

tender

uniko, ithenda, uniko-xabiso

terms of reference

imiqqaliselo, imiqathango yesivumelwano

thesis

uphando-ngqangi

toilet

igumbi lokunya, igumbi lokutuwa, igumbi lokuzinceda, igumbi lokuzithuma

traffic centre

iziko lezothutho ezindleleni, iziko lezithuthi ezindleleni

traffic safety

ukhuseleko ezindleleni

transfer payment agreement

isivumelwano sentlawulo-mali

transparency

-kuhleni, -nyaniseko

transparent

-bonakalayo, -cacileyo, -khanyayo

treasurer

unongxowa-mali, unondyebo

treasury

ulawulo-mali, ulondolozo-mali,

treated effluent

amanzi ogutyulo acociweyo

turn around strategy

ubuchule botshintsho, ubuchule boguqulo-zinto,
iqhinga lokusabela

trust account

iakhawunti yequmrhu, itrast akhawunti

trustees

abathenjwa, ootrasti

tunnel

imbombo, itonela

U

unemployment insurance fund

ingxowa-mali ye-inshorensi yaxa uphelelwe ngumsebenzi

unfair labour practise

inkqubo engenabulungisa emsebenzini

unitary

-hlukeneyo, -pheleleyo, -dibeneyo

uranus

umathambeka

utility services

iinkonzo eziluncedo kuluntu

V

values

iimpawu zentsulungeko

value for money

umgangatho ngokwemali, umgangatho ngokwexabiso

veinous pressure line

idriphu

veterinary

unyango lwezilwanyana

VIP

abakhethekileyo, ababalulekileyo, abahloniphekileyo

visual art

ubugcisa bezandla, imizobo, -qingqiweyo, -bunjiweyo

W

wall of fame

udonga lwendumasi

walk-in centre

iziko loncedo

warrant of arrest

umsila wengwe, isigunyaziso sokubanjwa

waste generator

umdali wenkunkuma, into edala inkunkuma

waste treater

umsebenzi wenkunkuma, into yokusebenza inkunkuma

waste treatment

ukusetyenzwa kwenkunkuma

website

uvimba-nkcukacha weintanethi, idilesi yeenkcukacha ezifumaneka ngeintanethi, iwebhusayithi

westcoast

unxweme lwentshona

white paper

iphepha lengcaciso ngomthetho osayilwayo, iphepha lengcaciso ngomgaqo osayilwayo

winelands

amasimi emidiliya, iindawo zomdiliya omfaxangiweyo

workshop

ucweyo, ulwabelwano ngamava, indawo yokusebenzela

X

x-ray

igesi, ifoto yegesi

xenophobia

ucalucalulo ngokobuzwe, intiywano ngokobuzwe

Y

Z

First published in 2013
Copyright of the Department
of Cultural Affairs and Sport,
Terminology Development, Western Cape

Uphuhliso lwesiGama sesiXhosa eNtshona Koloni/ IsiXhosa
Terminology Development in Western Cape
Sibhalele / Write to us: Private Bag X9067, Cape Town 8000
Sindwendwele / Visit us: Protea Assurance Building,
Greenmarket Square, Cape Town

dcas.com@westerncape.gov.za www.westerncape.gov.za/dcas



**Urhulumente
weNtshona Koloni**
ImiCimbi yeNkcubeko
nezemiDlalo